Isalathiso: 20200923-8246
Inombolo yefayili: 13/8/3
Imibuzo: CA Berry

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0011/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko alungiselela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, ezeSatifikethi seMatriki kunye neze-*Adult Education and Training Level 4*

Isihloko: Imimiselo nemigangatho yesefu ekunokungenwa kuyo/yegumbi elinqatyisiweyo lesikolo nokuphathwa kwezitshixo zesefu ekunokungenwa kuyo/zegumbi elinqatyisiweyo

1. Umgaqo-nkqubo omtsha ongemimiselo nemigangatho yokusetyenziswa kweesefu/kwamagumbi anqatyisiweyo nokuphathwa kwezitshixo zegumbi elinqatyisiweyo uqhotyoshelwe njenge**siHlomelo A.** Lo umgaqo-nkqubo mtsha uthatha indawo yomgaqo-nkqubo wangaphambili owawukhutshwe ngo-2019.

2. Iinqununu nabaphathi bamaziko bayakhunjuzwa ukuba babambelele ngqongqo kulo mgaqo-nkqubo mtsha ngexesha leemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)*, ezeSatifikethi seMatriki (SC) neze-*Adult Education and Training Level 4* zangoNovemba/Disemba 2020.

3. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke neSebe leMfundo leNtshona Koloni liya kuhlola yaye libeke esweni amaziko karhulumente nazimeleyo ekubhalelwa kuwo iimviwo ngexesha lokuqhutywa kweemviwo ze*NSC*, eze*SC* neze-*AET* L4 zangoNovemba/Disemba 2020, ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigaqo-nkqubo yoviwo.

4. Apha kulo mgaqo-nkqubo mtsha kuqhotyoshelwe izihlomelo ezibini ezongezelelweyo ukwenzela ukuba zisetyenziswe zizo zonke izikolo zikarhulumente nezizimeleyo, kunye namaziko e-*AET* ngexesha leemviwo ze-*NSC*, ze*SC* neze-*AET L4* zangoNovemba/Disemba 2020.

Isihlomelo 1- (Irejista yokurekhoda ukufikelela kwisefu ekungenwa kuyo/kwigumbi elinqatyisiweyo).

Isihlomelo 2 (Ipowusta, ebonakalisa iingongoma ezibalulekileyo zemimiselo nemigangatho yesefu ekungenwa kuyo/yegumbi elinqatyisiweyo nokuphathwa komgaqo-nkqubo wezitshixo)

5. Ipowusta eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo 2,** mayixhonywe elucangweni lwesefu ekungenwa kuyo/lwegumbi elinqatyisiweyo. Ikhontenti yepowusta kwakhona mayichazelwe abagadi babaviwa abachaphazelekayo kulawulo nokubhaliswa koviwo.

6. Iinqununu/abaphathi bamaziko mabafunde lo mgaqo-nkqubo yaye mabazise ngokuqulethwe kuwo bonke abasebenzi ukuze bawuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
OBAMBELE USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-10-12